

ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG
UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

OCTOBER / NOVEMBER 2005
OKTOBER / NOVEMBER 2005

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI
UHLELO OLUPHAKAMILEYO
(Iphepha Lesithathu)

IXESHA: 2 iiyure

AMANQAKU: 80

IMIYALELO:


- Eli phepha linamacandelo amathathu, icandelo A, B no C.
 - Phendula umbuzo ube mnye kwicandelo ngalinye.
 - Nombola imibuzo yakho.
 - Phendula imibuzo ngokwemiyalelo yombuzo ngamnye.
-

ICANDELO A

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe sinye ubhale ngamagama angama 250-300 ngesihloko osikhethileyo.

- 1.1 Uzifumene sele ukule meko iboniswa ngulo mfanekiso. Khawusibalisele ukuba kwakuqale phi de kube nje.



- 1.2 Ayalala amaqhawe kusale izibongo. Njengomthandi womdlalo okanye umculo, khawusichazele ngalo mntu ukuba ungubani na negalelo lakhe kwisizwe siphela.
- 1.3 Balilisela ngamalungelo abantwana bethu. Ingaba la malungelo athetha ntoni kuwe njengomntu omtsha? Velela onke amacala ubonise ubuhle nobubi bawo.
- 1.4 Sivela kude le, namhlanje silapha. Iinguqu kwiSebe lezeMfundo zibonakala ngokuqaqambileyo. Chaza iinguqu ezenzekileyo kwimfundo yethu.



- 1.5 Ubumthanda kodwa akusayi kuphinda umbone. Ukufa kwakhe kwawothusa umzi. Khawuchaze lo mntu ukuba ungubani na, yaye yintoni ubuyithanda ngaye.

1x40=[40]

AMANQAKU ECANDELO A: [40]


ICANDELO B

UMBUZO 2

Kweli candelo uphendula umbuzo ube mnye. Bhala ngesihloko osikhethileyo ngamagama ali-120-150.

- 2.1 Abafundi ababini baxoxa ngendlela abantu namhlanje abasabela ngayo kubantu abanesifo sikagawulayo. Sivise le ncoko.
- 2.2 Ubusiya esikolweni sabadala ngokuhlwa. Endleleni uthe wahlaselwa zizigebenga. Bhalela abazali bakho ubaxecele ngendlela othe wasinda ngayo, ukuze kube umphefumlo wakho usahlangene nenyama.

- 2.3 Ubusekuhlanganeni kweendlela apho kuthe kwenzeka ingozi emasikizi. Bhala inqaku lendaba eliza kuphuma kwiphephandaba 'iSowetan'.



1x20=[20]

AMANQAKU ECANDELO B: [20]

ICANDELO C

UMBUZO 3

Khetha umbuzo ube mnye ubhale ngamagama ali-120-150 ngesihloko osikhethileyo.

- 3.1 Ngokuhlwa kwangoMgqibelo kwisitalato ohlala kuso kubulewe umntu omazi kakhulu. Uceliwe ngumkhaya wakhe ukuba ubabhalele ngobomi bukamfi esaphila.



3.2 Abazali baqonde ngqo kwiSebe lezeMfundo bayokuvakalisa izikhalazo zabo ngokungafumani izithuba zokufunda zabantwana. Bhala imemorandamu ibithunyelwe.

3.3 Abakwa Telkom bacela ubathumelele isivi yakho. Zithengise ubhale zonke iinkcukacha eziya kukubeka ethubeni elihle lokufumana umsebenzi.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: [20]

AMANQAKU EWONKE: 80